

# Vuk'uzenzele



Produced by Government Communications (GCIS)

English/isiXhosa

| EkaCanzibe 2019 Ushicilelo I

## Mother receives National Order for brave son



Sarah Tambani and her granddaughter, eight-year-old Tshiamo, looking at a picture of her late son Thapelo who received the National Order of Mendi for Bravery.

**THAPELO TAMBANI** braved a waterlogged and muddy trench to rescue a friend.

### Silusapho Nyanda

**A** 10-year-old deaf boy who died saving another child

posthumously received a National Order, the Order of Mendi for Bravery in Silver.

The National Orders are

the highest awards that South Africa bestows and are presented annually by the President of South Africa.

Thapelo Tambani's mother Sarah Tambani received his award from President Cyril Ramaphosa, in recognition of the little boy's selfless act of saving another life, which led to his unfortunate demise.

Thapelo drowned last year in a muddy construction pit after successfully pulling a friend to safety.

The tragedy took place in Soshanguve, north of Pretoria. According to media reports at the time, Thapelo's friend had fallen into the large pit, which was filled with muddy rain water, at an excavation site. Thapelo managed to save his friend but was overcome by the mud.

Thapelo's mother said his heroic act, although painful, was part of his character – he was a helpful boy, she said.

She said her son was very clever and had received three certificates of excellence at school.

Speaking ahead of the ceremony, the mother said that her son's hearing impairment did not hold him back.

"Even though he could not

Cont. page 2



Inspiring  
the car  
designers of  
tomorrow

Page 6



Teen farmer  
makes dad  
proud

Page 9



ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews



Vuk'uzenzele

Websites: [www.gcis.gov.za](http://www.gcis.gov.za)

[www.vukuzenzele.gov.za](http://www.vukuzenzele.gov.za)

E-mail: [vukuzenzele@gcis.gov.za](mailto:vukuzenzele@gcis.gov.za)

Tel: (+27) 12 473 0353

FREE  
COPY

Did you know? THE 2019 ELECTIONS WILL BE HELD ON 8 MAY 2019

# Urhulumente uxhasa i-ECD

**U**rhulumente uzi-misele ukuxhasa uPhuhliso lwaBantwana abaseLula (i-ECD), into leyo eyaziwa lihlabathi liphela njengelona phulo libalulekileyo kulo naliphi na ilizwe kupuhliso lweza-khono zabantu.

"Ukuba sifuna ukulwa indlala, kufuneka sifundise abantwana abaphuma kumakhaya asokolayo," watsho uMongameli Cyril Ramaphosa ngethuba esenza iNtetho engoBume beSizwe (i-SoNA) yakhe yowama-2018.

Ukungafumanu mathuba aneleyo noncedo ngethuba umntwana eselula kungabenzela ubunzima abantwana abasakhulayo ngolo hlobo abe mancinci namathuba abo okuphumelela ebomini.

Nangona kunjalo, ngowama-2009 ingcali ye-ECD yeDyunesiti yaseMntla Ntshona, uGq Juliana Seleti ngethuba kubanjwe iNdibano yoCwego yeBhanzi yeHlabathi engePhulo loNakekelo noPhuhliso lwaBantwana baseLula e-Afrika wathi urhulumente wocalucalulo wayengabani mathuba nancedo nabo abantwana.

La rhulumente wayenge-namigaqo-nkqubo ye-ECD, nditsho neyabantwana abaphuma kumakhaya afumileyo. Iinkonzo ze-ECD ezazikhona zazikwindawo ezithile futhi zazixhanyulwa ligcuntswana labantwana.

UGq Seleti uthi imigaqo-nkqubo ecacileyo yaqaliswa ukuqulunqwa ekuqaleni kweminyaka yowama-1990, emva kokuba lowo wayesakuba nguMongameli uNelson Mandela ekhululwe entolongweni.

Kwathi kufika unyaka wama-2003 iSebe loPhuhliso loLuntu, eleMfundu esi-Siseko kanye nelezeMpilo



abe sele enayo eyawo imigaqo-nkqubo ye-ECD; enamacandelo namacandelwana futhi i-ECD yabekelwa imali yayo bucala kuhlahlo lwabiwo-mali ngonyaka wama-2000.

## "Ukuba sifuna ukulwa indlala, kufuneka sifundise abantwana abaphuma kumakhaya asokolayo."

I-ECD ukusukela ngoko yaba yezinye zeenkqubo urhulumente azikhokelise phambili yaze neKhabhinenhi yaphumeza uMgaqo-nkqubo weSizwe we-ECD eHlangenyeo ngeyoMnga ngowama-2015, ukuze kugqulwe iindlela iinkonzo ze-ECD ezihaniswa ngayo eMzantsi Afrika ngokulungisa iindawo ezibonakalisa ukusilela ngasemva nokuqinisekisa ukuba zi-yafumenaka iinkonzo ze-ECD ezibanzi, ezixhanyulwa ngumntu wonke ne-zilinganayo.

## linkonzo ze-ECD zisiwa phantsi kweSebe leMfundu esiSiseko

Amaziko e-ECD okanye izikolo-mpeleso zisusiwe kwiSebe loPhuhliso loLuntu ngoku ziphantsi kweSebe leMfundu esiSiseko, futhi sitetha nje abantwana abangaphezulu kwama-700 000 bafunda kwizikolo-mpeleso kulo lonke eli.

"Eli linyathelo elibaluleke kakhulu kumaphulo emundo yabantwana abancinci kweli lizwe futhi, ukuba liqutywe ngendlela efanelekileyo, liza kunceda kakhlulu kumalinge okuzalisekisa umbono wesiCwangciso seSizwe soPhuhliso (i-NDP) sowama-2030. "Kodwa ukuba azikho izicwangciso ezicacileyo nezibambekayo zendlela eliza kuqaliswa ngayo eli phulo, akukho nto liza kuyixhamla eli lizwe okanye abantwana balo," utshilo uMongameli Ramaphosa.

Inyathelo elilandelayo ngo-ku kukuba kumiselwe ixesha eliyiminyaka emibini enyanzelekileyo yokuba wonke umntwana afunde ekrithi okanye kwisikolo-mpeleso, ukulungisela iminyaka enzima yeBanga 1, njengoko wayetshilo uMongameli Ramaphosa kwiSoNA yakhe yowama-2019.

"Omnye umba obaluleke kakhulu kukuphcula ngamandla izakhono zokufunda ngokuqonda zabantwana abasaqala isikolo. Oku kubalulekile kumalinge okuxhobisa abantwana ngezakhono ukuze bakwazi ukuqhube kakuhle kwi-zifundo zabo nasebomini kwaye ubungqina obuninzi buyatsho ukuba imfundu sesona sixhobo sibaluleki-

leyo kwidabi lokulwa indlala, intswelo-misebenzi noku-ningalingani," utshilo uMongameli.

"Siza kuqinisekisa ukuba siyazongeza izixhobo zokufunda zabantwana abase-lula abafunda kwisigaba esisiseko futhi kule minyaka mithandathu izayo siza kunika umntwana ngamnye kuzo zonke izikolo eMzantsi Afrika iincwadi zokusebenzela nezokufunda kwi-tablet. Siza kuqala ngezo zikolo zazihlelekile ngaphambili nezikwindawo zabantu abangathathi ntweni, kuquka nezikolo ezinamabanga nezigaba ezahlkeneyo, ezisezfama nezase-

maphandleni," wongeze watsho.

UMphathiswa weMfundu esiSiseko u-Angie Motshekgga uthi isebe likulungele ukuqalisa ngeencwadi zokufunda ezi-elektronikhi kulo nyaka uzayo.

NgeyoMnga kowama-2019 iSebe leMfundu esiSiseko - lisebenzisana neVodacom Foundation, iNelson Mandela Foundation iQumru lezabaseTyhini leZizwe ezi-Manyeneyo (i-UN) kanye neGlobal Citizen - zinikezele ngeZiko le-ECD eDivhani Creche naseFrank Ravele School of Excellence eVhembe, eLimpopo.

Le kritshi, engamanye wamaziko ee-ECD ali-15 akhethiwe aza kulungiswa yona iqalwe phantsi ukulingiswa yaze yafakelwa izinto ezintsha.

IFrank Ravele Secondary School sesinye sezikolo ezi-li-12 ezifundisa iZakhono ezikwiZinga eliPhezulu ezikhethwe iSebe leMfundu esiSiseko ngentsebenziswano noVodacom osele efake ubuchwepheshe bonxibelelwano nolwazi kwizikolo ezingama-3 000 kanye namaziko ootishala angama-92 kulo lonke eli lizwe. **V**

## Ubusazi na?

- UNondyebo weSizwe uyaqhube ka nokuqhasa ngemali i-ECD ngemali esisibonelelo esibekwele bucala ukulungiselela oku.
- Isibonelelo-mali se-ECD esixhomekeke kwimiqathango ethile siza kunceda abantwana abaphuma kumakhaya asokolayo
- Imali ebekelwe bucala yesibonelelo se-ECD iza kunyuka isuka kwizigidi ezingama-518 zeerandi ngowama-2019/20 iye kwizigidi ezingama-553 zeerandi ngowama-2020/21.

abamalunga nama-60 000 size siphucule amaziko e-ECD aphakathi kwama-600 nama-800 kule minyaka mithathu izayo.

• Imali ebekelwe bucala yesibonelelo se-ECD iza kunyuka isuka kwizigidi ezingama-518 zeerandi ngowama-2019/20 iye kwizigidi ezingama-553 zeerandi ngowama-2020/21.

## Ukupuhlisa abantwana

Kwiintsuku zokuqala ezili-1 000 emntwaneni kufuneka kuqinisekiswe ukuba umntwana ufumana ukutya nonakekelo olufanelekileyo, ukhuseleko kanye nezinye izinto eziza kulola imizwa yakhe. Abantwana abaneminyaka emibini ukuya kwemihlanu, kufuneka kubo kugxininiswe kunakekelo nakwizinto eziza kulola imizwa yabo, kulapho izikolo-mpeleso neekritshi nazo zidlala indima enku.

